UMASIPALA WASEMOSSEL BHAYI

INGQESHISO ECETYWAYO KUNYE NOLAWULO LWE POINT CARAVAN PARK:ISIZA 3626,3601 NO 3794,KUBANDAKANYA IBALA LEGALUFA,IBALA LEEBHODI ZOKUTYIBILIKISA KUNYE NEVENKILANA YOKUBONELELA IINDWENDWE (UMHLABA UWONKE ±3.5HA), EMOSSEL BHAYI ISITHUBA SEMINYAKA ELISHUMI ELINESIHLANU

Esi sisaziso esikhutshwa phantsi koRhulumente waseMakhaya:uMthetho oLawula iiMlai zooMasipala,Nombolo 56 ka 2003,ngokudibeneyo neMigaqo yokuGuqulwa kweZinto zikaMasipala engu R878 ka 2008,uMthetho woPhuhliso loLawulo loBulungisa ka 2000 kunye noMthetho weeNkqubo zikaMasipala Nombolo 32 ka 2000,ukuba iBhunga ligqibe phantsi kweSigqibo seBhunga E45-02/2018 kwintlanganiso eyayibanjwe ngowama 28 Febhuwari 2018 ukuba ngokusekelwe kuphando olubanzi,iPoint Caravan Park iyakuhlala ililungelo likaMasipala waseMossel Bhayi (uMasipala),kodwa iPoint Caravan Park isetyenziswe kwaye ilawulwe liqela labucala phantsi kwesivumelwano sengqesho esifanelekileyo kunye noMasipala.

Khon'ukuze kuzalisekiswe oku kukhankanywe apha ngentla iPoint Caravan Park (iNdawo) ebandakanya iZiza 3626,3601 no 3794 (kubandakanya ibala laGalufa,ibala lokutyibilikisa kunye neVenkilana yeeNdwendwe),ubukhulu bendawo bubonke ±3.5ha,ukuba iqeshiswe isithuba seminyaka elishumi elinesihlanu (15) ngendlela yesiniki-maxabiso ngokomthetho omiselweyo.

Isivumelwano sengqesho siya kuba phantsi kwale miqathango ilandelayo:

1. Ukuba le ndawo iphuculwe iye kumgangatho wendawo ekwiNqanaba le 3-star phantsi koMiselo lweBhunga loKhenketho eMzantsi Afrika.

2. Ukuba le ndawo ivuliwe wonke unyaka.

3. Ukuba kukho imithi ekufuneka isikiwe/igawuliwe,kufuneka kutyalwe eminye imithi endaweni yaleyo ithe yawiswa phantsi kule ndawo.

4. Ukuba uthango lokubiyela olukhoyo ngoku kule ndawo lutshintshwe kwaye luphuculwe.

5. Ukuba lowo uya kuphumelela isiniki-maxabiso kufuneka aqalise iintshukumo yokulondolozwa kwendalo,kubandakanya ukufunxwa kwamanzi kwiindawo ezikhoyo kule ndawo.

6. Ukuba lowo uya kuphumelela isiniki-maxabiso uya kufaka kwaye adibanise itanki elibukhulu buyi 1x 5000l lamanzi emvula,kwanetanki lokufunxa amanzi amdaka,kwindawo nganye enophahla,kule ndawo.Loo manzi asenokusetyenziswa kunkcenkceshelo,ukuhlanjwa kwezithuthi okanye iikharaveni.

7. Ibala lokudlala igalufa,indawo yokutyibilikisa kunye nevenkile kufuneka ziphuculwe okanye kunikezelwe ithuba lokumiselwa kwelinye ishishini eliqalayo okanye iintshukumo ezibandakanya iindawo ezijikeleze le ndawo kwaye olu phuhliso lucetywayo kufuneka lube luvulelekile kuluntu gabalala lingabi lelabasebenzisi beli ziko kuphela.

8. Ukuba kukhutshwe isaziso esiya kuMqeshi webala legalufa,indawo yokutyibilikisa kunye nevenkilana yeendwendwe ukuba kuyinjongo yeBhunga ukuqeshisa eli ziko kunye nezi ndawana zikulo okanye naxa kuyimfuneko,isivumelwano sengqesho singapheliswa phantsi kwesi sivumelwano.

Le mibandela ilandelayo,*phakathi kweminye* iya kuqwalaselwa xa kuqulunqwa uxwebhu lesiniki-maxabiso:

1. Amava angqinekayo okulawula iziko.

2. Ubungqina obubonakalayo bokuba nobuganga ngokwezimali khon'ukuze kuphuculwe eli ziko libe kumgangatho we 3-Star.

3. Inkcazelo ecacileyo eyakubonakaliswa nguminiki-maxabiso ekuphuculeni eli ziko.

Esi saziso kunye zomzobo wengqesho ecetywayo ziyafumaneka kwikhasi likaMasipala lothungelwano lwe-intanethi kule dilesi www.mosselbay.gov.za

INGXELO NGEENGCOMBOLO

UMasipala waseMossel Bhayi wenze uphando phantsi kweCandelo 78 loMthetho weeNkqubo zooMasipala,Nombolo 32 ka 2000,malunga nendlela esebenza ngayo iPoint Caravan Park.

Iziphumo eziphambili zolo phando lweCandelo 78 zezokuba nangona le Paki ilulutho oluphambili olubalulekileyo,ulawulo lwepaki yeekharaveni yintshukumo eyodwa yoshishino ingenguwo umsebenzi kamasipala osisiseko.Le Paki ayisetynziswa ngokomthamo amandla ayo kwaye ngoku iqhutywa phantsi kwemali esilelayo.Ukuba le Paki ilawulwa liziko elinezakhono ezichaziweyo kunye namava okuyilwula ngokufanelekileyo,iilahleko zikamasipala ziyakucutheka kwaye le Paki isenokuxhasa kuphuhyliso loqoqosho lwangaphakathi kwingingqi kamasipala.

1. **Isizathu sokunikezela ilungelo elicetywayo lokusebenzisa ixesha elide,ukulawula okanye ukuphatha izinto ezichaphazelekayo eziphambili**

Izizathu zokunikezela ilungelo lexha elide zezi:

(i) Ukusetyenziswa kwepaki yeekharaveni asingomsebenzi osisiseko solawulo lwasekuhlaleni.

(ii) Le Paki okwangoku isemva ngeemali.

(iii) Kucetywa ukuba kwiNkqubo yoPhuhliso lukaMasipala ingingqi yeNcam yeDolophu iphuhliswe ngoko ke kubalulekile ukuba iPoint Caravan Park nayi iphuculwe kwaye ilawulwe.Kulindeleke kwiqela elo labucala ukuba libeke utyalo-mali oluyinkunzi lokuphucula lamaziko aye kumgangatho we 3-Star kwaye ixesha elaneleyo liya kunikezelwa kwiqela elo labucala ukuba liqinisekise ukubuya kotyalo-mali.

2. <u>Naziphina iimeko zokuxhamla kukamasipala ezinokubangela ukunikezelwa kweli lungelo</u>

(i) UMasipala uya kuhlala engumnini wale Paki koko iya kulawulwa ngokufanelekileyo liqela labucala.

(ii) Amaziko oshishino labucala aya kusoloko ekwazi ukufikelela ekufezekiseni amanqanaba aphezulu kwaye ayakwazi nje ngokulula ukufikelela kwiimali-nkunzi zokusebenza nezotyalo-mali.

(iii) Le Paki iya kuxhamla kwintlalo eyongeziweyo – naxa ingelilo ixesha leeholide.

(iv) Ukuguqulelwa koMngcipheko okufaneleyo kuya kwenziwa nguMasipala kwiqela labucala.

(v) IBala leGalufa,iNdawo yokuTyibilikisa kunye neVenkilana yeeNdwendwe nazo ziya kuphuculwa okanye kunikezelwe ithuba lokunmiselwa kweziko elitsha aya kubandakanya ezi zayameneyo apha kwanokuphuculwa kwengingqi yeNcam yeDolophu okucetywayo,nalapho kuya kuxhamla noluntu ngokubanzi ingebi ngabasebenzisi beli ziko kuphela.

(vi) Ukuba kuqondwe ukuba lo mthetho ucetywayo kwanomgaqo-nkqubo weBhunga omalunga namanqaku okhetho uya kulandelwa.

3. <u>Naziphina iingeniso eziyakuzuzwa ngumasipala ngokunikezelwa kweli lungelo</u>

(i) UMasipala/uLawulo lwasekuhlaleni luya kuzuza ingeniso yerente ngale Paki.

(ii) Ngenxa yeendwendwe/abatyeleli abaninzi abatyelela eMossel Bhayi ingekuko ngexesha leeholide kuphela,inkcitho kumashishini asekuhlaleni ingongezeka/ingenyuka,ngaloo ndlela kube kuphuhla uqoqosho lwangaphakathi.

4. **<u>Nayiphina inzuzo okanye ilahleko elindelekileyo iya kuqondwa okanye yenzeke ngenxa yokunikezela kukaMasipala eli lungelo</u>**

(i) IGunya loLawulo lwasekuhlaleni liya kuzuza ngokufezekisa izigqaliselo eziphambili zikaMasipala,kubandakanya ukuphuhla,kwanolawulo olungcono lwePaki kwanokuveza ingeniso eyongezelelekileyo kuMasipala.

Iingxelo zoPhando lweCandelo 78 malunga ne Point Caravan Park ziyafumaneka ukuze zihlolwe kwiCandelo leeNkonzo zoMthetho kuMasipala waseMossel Bhayi,eMarsh Street,eMossel Bhayi nakwikhasi lonxibelelwano lwe-intanethi likamasipala : www.mosselbay.gov.za

Naziphina izihlomelo,izingeniso okanye iziphikiso/iinkcaso ezinezizathu ezipheleleyo zazo,kufuneka zingensiwe ngendlela ebhaliweyo kuMphathi kaMasipala,P.O. Box 25.Mossel Bay,6500 phambi komhla we 1 Juni 2018 ukhankanye esi sihloko sichazwe apha ngentla kwakunye nenombolo yobhekiso yefayile echazwe apha ngezantsi.Naziphina izihlomelo,izingeniso okanye iinkcazo ezifunyenwe emva kwalo mhla wokuvala uchaziweyo apha ngentla zisenokungaqwalaselwa.

Nayiphina imibuzo malunga nalo mbandela ingabhekiswa ku Mnu N Prins,kule nombolo yomnxeba (044) 606 5110,okanye nge-imeyile : nprins@mosselbay.gov.za okanye ku Nkszn M Smit,kule nombolo yomnxeba (044) 606 5125,okanye nge-imeyile : msmit@mosselbay.gov.za

Ngokwecandelo 21(4) likaRhulumente waseMakhaya : uMthetho weeNkqubo zooMasipala,Nombolo 32 ka 2000 kukhutshwa isaziso sokuba bonke abantu abangakwaziyo ukubhala bangaqhagamshelana neCandelo leenkonzo zoMthetho kuMasipala ngexesha leeyure zomsebenzi,apho ilungu labaqeshwa liya kubancedisa ekungeniseni izihlomelo,izingeniso okanye iinkcaso zabo ngendlela ebhaliweyo.

GQWETHA THYS GILIOMEE
UMPHATHI KAMASIPALA

iFayile yoBhakiso:17/7/4/2/3